# UYILO LWESIFUNDO

IGREYIDI…….………….03…………. IYURE NGEMINI……1……..IXESHA LILONKE:IIVEKI 3
UMHLA EKUQALWA NGAWO………UMHLA EKUGQITYWA NGAWO …INANI LEENTSUKU..
UMXHOLO WESIFUNDO……USAPHO……. ……ISIHLOKO SESIFUNDO Izikhamiso nezandi.

| ISIPHUMO SESIFUNDO NEMIGANGATHO YOKUHLOLA | IMISEBENZI YOKUFUNDA NOKUFUNDISA | INKQUBO YOKUHLOLA | IZITHINTELO ZOKUFUNDA |
|---|---|---|---|
| PF 3:UKUFUNDA NOKUBUKELA<br>GH 2:Phuhlisa intsingiselo yesicatshulwa esibhaliweyo ngo:<br>• Kuphawula ngebali okanye umhobe abawufundileyo,babonise ukulandela ngokuphendula le mibuzo ephathelele<br>➢ Kwingcinga engundoqo,<br>➢ Kwiinkcukacha eziphambili , ukulandelelana ,<br>➢ Kweziganeko , indawo ekwenzeka kuyo ibali ,<br>➢ Kulwalamano phakathi kwentsusa neziphumo,<br>➢ Kwenza izigqibo(ibali , | UMSEBENZI<br>Abafundi bafunda ibali elibhaliweyo okanye elifumaneka encwadini .Abafundi baphendula imibuzo ephethele :<br>• Kwingcinga engundoqo<br>• Abalinganiswa abaphambili<br>• Indawo ekwenzeka kuyo ibali<br>• Ulwalamano phakathi kwentsusa neziphumo<br>• Imfundiso yebali elo— balithanda okanye hayi kwaye azothuze.<br><br>UMSEBENZI WOHLOLO. 2 | IINTLOBO ZOHLOLO<br>-Utitshala<br><br>IZIXHOBO ZOHLOLO<br>-itshekilisti<br>-irubriki<br><br>UMSEBENZI WOHLOLO<br>-incoko yomlomo<br>-okubhalwayo | |

| | | | |
|---|---|---|---|
| intsomi isifundisa ntoni?) kubenza babonakalise ukuba bayalithanda ibali okanye hayi kwaye azathuze.<br>GH 4:Zinzisa ulwazi lwezandi ngo:<br>• Kunakana ukubs izikhamiso zingalandelelana , kwamanye amagama,umz:iinkomo<br>• Kunakana ukuba isandi esinye singanamaqabane amabini ‘ph’,’sh’,<br>• Kunakana amaqabane amabini namathathu axutyiweyo ‘mnt’,’tsh’,<br>• Kunakana iqela lamagama abonwa njalo.<br><br>UNXULUMANISO KWESI SIFUNDO<br>PF 4:UKUBHALA<br>GH 6:Enza isigama aze uzipelele amagama ngo:<br>• Kwenza ibhanki yamagama nesichazi-magama sakho,<br>• Kusebenzisa isichazi – magama ukukhangela upelo neentsingiselo zamagama,<br>• Kusebenzisa ulwazi | Utitshala kwakunye nobafundi baqaphele izikhamiso.umz:-<br>iinkomo<br>- oonopopi<br>- [redacted]gusha<br><br>Abafundi bakhangela amagama anezikhamiso ezilandelelanayo ebalini , baze banike neminye imizekelo abayaziyo.Bangawa sebenzisa la magama kwizivakalisi ukuphuhlisa intsingiselo yegama elo. Abafundi badwelisa amagama besakha ibhanki yamagama abonisa ulandelelwano lwezikhamiso abawafumene ebalini nakweminye imithombo.<br><br>UMSEBENZI<br>Kwibali abalifundileyo bakhetha amagama anesandi esinye esenziwa ngamqabane amabini.umz:iqanda , ukhuko , inkukhu , umntu.Bayawadwelisa baze bawafunde.Bakha awabo amagama begxinisa kwizandi eziphawulweyo ngokwamaqela.Umfundi ngamnye ubhala amagama anezandi ubuncinane abe lishumi | | |

| | | | |
|---|---|---|---|
| lwezandi amagama angaqhelekanga.<br>PF 6:UKWAKHIWA NOKUSETYENZISWA KOLWIMI.<br>GH 1:Nxulumanisa izandi koonobumba namagama ngo :<br>• Kusebenzisa izandi ,nokupela amagama anzinyana.<br>KWEZINYE IZIFUNDO | kwincwadi zabo bewaphawula ngemibala.umz: phakama.<br><br>UMSEBENZI<br>Abafundi bafunda amagama anezandi ezithathu akonotsheluza bekhokelwa ngutitshala.<br>Abafundi bathi bachonge amagama anezandi ezithathu ngoncedo luka titshala, kwibali abalifundileyo nakweminye imithombo, bayadwelisa amagama bawafunde ,bakha ibhanki yamagama anezandi ezithathu.Umz:Tyhila, tshisa, njl-njl.<br>. | | |
| IZIXHOBO ZOKUFUNDISA:Iposta yamagama abonisa izandi, oonotsheluza, incwadi yokufunda, incwadi yokubhala, | | | |
| OKUBONAKALISWA NGUTITSHALA: | | | |